

Siyoyikake kanjalo ukuba intselo yoba-Maxhosa utywala iyanda ezirementeni zika-Kristu kwelilizwe! Kuko izinto esike saziva, katatu, nakane, ngabantu beremente ngayo lento, endiyakuka ndizilalele pambi kokuze mhlaumbi nditete into ngazo kwakwelipepa. Siya ziva izinto ezendzekayo ezirementeni, noko zingalunge namacala esikuwo zonke! Uruxeshe ugqibe amazimba nonyaka. Londawo itinina?

### NDINGU-NONJIBA WASELUHLANGENI.

#### Izizwe za-Mamfengu.

Umchokeli wokululamela oko kunikwa yena, okungamavo onke. Bendifuna ukuva ngohlanga olunga-Bambo, kuba wena mnumzana, uba u-Mfengu yinkosi enkulu ya-Mamfengu, kanti ligama lokupendula, kwakubuzwa ukuti uvela pina? ufunanina apa? ati, hai nkosi ndiyamfenguza. Bazizizwe ngezizwe aba bañtu banga-Mamfengu bekonje; banamagama-gama okubizwa kwabo. Nangake:—

*A-Mahlubi* ngabo abona Bambo—lake ase-Mxhelo, nakwa-Matole apa, nase-Sheshegu, nase-Rhurha, nase-Mgwalana, nase-Gqili, nangasemva ngapa apo kutiwa kukwa-Langa-libalele, igama lenkosi yawo enkulu enjengo-Sahrif kwa-Palo apa; kube kusitike mnumzetu ezweni, kubekoabantu abakulu, bebunkosana, kwindawo ngendawo, besaziwa ukuba ngokatile lo. *A-Mahlubi* la besisisona sizwe sikulu besilitemba lezinye izizwe. Intaba ebimiwa nga-Mahlubi eyokuqala kuse-Busi; eyesibini kuse-Kupe; Eyesitatu kuse-Vugatyeni eyesihlanu kuse-Ndumeni. Ize umlambo ibe li-Tangeni; ibe li-Lenjane. Asisizukulwana sika-Dhlamini, sika-Mhlanga, sika-Msi, sika-Dhlomo, sika-Ntsele, sika-Bungane. Kauve, ukufunga kwawo; ati “Bungane,” uninakulu ka-Langa-libalele.

Bendisiti kuyazeka kakuhlena, ngokukanyayona ukuba a-Mamfengu zizizwe ngezizwe? *A-Mazizi* nga-Mazizi kanye; ngabo abange-Bambo. Ngaba bati bona *ngitsi* endaweni yokuti *nditi*. Sisituko kowase-Mazizinike ukuti Mbondini, ahle aqumbe ukuba kutshiwo lelinye i-Mfengu; kuba akanguye u-Mbo yena. Ngawo la ase-Gwiligwili, nase-Gxulu, nase-Debe, nase-Tyusha, nase-Mtati, nase-Nqhumeya. Wona abesima e-Lutukela ukuchitakala kwelizwe la-Bambo. Wona achitakala e-Lutukela. Ilivo esilivayo kutiwa, nawo kudala sisizukulwana sika-Msi, sika-Mhlanga, sika-Dhlamini. Kutiwa owokugqibela unina-kulu wawo ngu-Zizi, ukuze abe nga-Mazizinje, kwanengokuba na-Mahlubi la kunge-nxa yonina-kulu oyinkazana eli-Belekazi intombi ka-Hlubi lendawo anga-Mahlubi.

Bendisiti sizizwe ngezizwe. *A-Mangwane* abelutshaba, abantu abama-siko awodwa kanye kwabanye abantu basenthla. Bebengalusimakwenkwe bona ngapandhle komntu osukuba eyakuba yinkosi. Ndingati

ukuqondisa ngaba, kwati nyaka bako, kwelazwe lase-Batenjini kwatiwa nantsi imfecane. U-Matiwane nguye lowo abati a-Batembu baya kuhlabu umkosi ku-Hintsa, ukuze yena awuhlabe ku-Ngqika, ukuze u-Ngqika awuhlabe Emlungwini, ukuze aye achitweke, ayengawoke a-Mangwane. Ebésima e-Mfolozi wona ngapambi kokuba kupalalwe zizizwe. Besisizukulwana sika-Ngwane, sika-Ngwandi. Andinakwelata ndawo yawo apa, akako asemva.

A-Mangwe sesinye isizwe esingazango sichitakale sona Imdwarele yawo ekoyo apo ipakati kwezi zachitakalayo, ngababete kusahleliwe, bat i ngezixakaniso ezibakoyo, bakalala bemka kowabo apo. Bona ngabemi be-Mfolozi a-Mangwe lawo, njengokuba a-Mangwane, ebenjalo nawo esima e-Mfolozi. A-Mangwe sisizwe esikulu kuba sinezizwe ezapuma kuso zanelu ezangena ku-Mangwane apo kusemelwene e-Mfolozi. Sona sisizukulwana sika-Msimango, sika-Gwe, sika-Mangete. Andinakwelatisa apa, apo simi kona, ngokuba singeko kweli lizwe; sisemva ngapa sona.

A-Mabele sisizwe esinye naso, eniti nina nga-Bambo bonke, kanti hai; ngawo lawo akwa-Gaga; ngawo lawo anganeno kwe-Tyume; ngawo lawo ase-Mnyameni; ngawo lawo ase-Nqhushwa, e-Cisira nase-Feni. Bebesima Kweletywa, ilizwe ekutiwa ukubizwa kwalo-kuse-Lenge. Inxenye yawo nantso e-Sinqhenqheni.

A-Mawushe sesinye isizwe esahluka sona kunye na-Makuze, ebésibizwa nga-Maxhosa ngokuba yimfecane naso, sesona salwa kudala na-Batembu, bekusitiwa ngu-Madikane inkosi yaso, owabulala énye inkosi kweza-Batembu. Siti a-Makuze na-Mawushe manye ngenteto noku-melana namasiko. A-Mawushe akako; kweli mancinane; gqizana lawo nalo e-Mdala, e-Sinqhenqheni. A-Makuze ngawo angati ako kwelili-zwe, nakuba engapelele. Ngawo la ase-Mtwakti, nase-Chata, nanganeno kwe-Tyume, ku-Nomadolo paya. A-Mawushe ebésima e-Msongo-nyana, emazantsi no-Tukela; ebésahlulelana na-Makuze, ngokuma; nenxénye ya-Mazotsho, isizwe ekutiwa ukubizwa izwe labo ku-Sembo kuxelwa ela-Mahlubi.

Ndiyakupeza ndingaxelanga nto ngo-Zulu; ndingaxelanganto ngo-Mzilikazi; ndingaxelanga nto ngo-Sobuza ka-Ndungunya. Nditike oluhlanga lwakowetu luhlanga olungati namhla aluzanga lube bantu ngabantu; kokoke luti lungabukani kakuhle. Luti nolo kutiwa lolona lumaziyo no-Tixo, luhle luketane kanye lungabi nakwazana; kanti namhla u-Tixo ubendze mtu mnye ngenxa yegazi lo-Nyana wake, ukuba kungabiko Hlubi, na-Zizi, na-Bele, na-Wushe, na-Kuze, na-Ngwane, na-Mngwe, na-Mjhosa, nantoni; babe banye ku-Kristu. Ndiqonda ukuba ku-Tixo akuko kwahlukahluka. Kuyihlazekisile kunene inkondzo yenkosi ukuba kubeko izahluko pakati kwabakolwayo, kanti ku-Mangesi bayahlonelana betandana abo balusapo lwe-Nkosi. Inkondzo yohlanga oluntsundu inxamnye. Inkondzo yabamhlope abantu izamela ukufumana isimilo sobukristu kanye. J. MAZAMISA.